Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

FEBRUWARI 2016

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-SEARTEC-OVERSTRAND CLASSIC GOLF CHALLENGE IQOKOLELE I-R80K ENTLE IYENZELA UPHUHLISO LWABANTWANA ABANCINANE

Ingcinga eyavela kwingxoxo kaSodolophu waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie, kunye noNozakuzaku woKhenketho, uBob Skinstad, ababenayo kwiminyaka emininzi eyadlulayo yokuba bayihlawula njani ngaphambili kwaye benze umahluko kubomi kunye nendalo esingqongileyo yaseOverstrand kunye nabantu bayo, iSeartec-Overstrand Classic Golf Challenge ithe yavela njengeyona mpumelelo iminyaka emibini ilandelelana.

Idlalwe ngoNovemba kulo nyaka uphelileyo kwi-Arabella Country Estate and Golf Club ebukekayo kwaye ixhaswa yi-Seartec (umhambisi wemveliso yakwa-Sharp) njengomxhasi ophambili kunye no-Spar Retail Group njengomlizi omkhulu. Lo msitho uqokelele ama-R80 000 wonke aya ekuqiniseni iphulo likasodolophu lotyalo-mali elaziwa ngokuba yi-"Nicolette Trust Fund" - eliyingxowa-mali eyenzelwe ukubonelela ngemithombo kumaZiko oPhuhliso lwaBantwana abaNcinane eya kubonelela nezinto ezibalulekileyo khona ukuze kukhuthazwe iimeko zokufunda eziphelelelyo, ezivuselelelayo, ezisempilweni nezikhuselekileyo kubantwana abancinane abakhathalelwe ngala maziko.

Ayisukuba eli nyathelo lixhaswa ngokupheleleyo luluntu lwengingqi kunye nothotho lwabathabathi-ngxathu abaphambili, kodwa likwaxhaswa liSebe loPhuhliso loLuntu.

Xa ebefumana ezi zimali kuBob Skinstad, uBotha-Guthrie uphawule wathi "lo mboniso wobunye ngabathabathi-nxaxheba, abaxhasi, abalizi kunye noluntu ngokubanzi, kwakhona kubonelela ngendlela yokuqinisekisa ukuba abafundisi-ntsapho, abaqeqeshwa kunye nezixhobo ezibalulekileyo kweli nqanaba lisisiseko zemfundo liya kufumana ingqaleli edingekayo kunye nemithombo efanelekileyo. Ndibulela ngokuzenzisiyo kwi-Seartec kunye nabo bonke ababandakanyekayo."

Ephendula kwizibongo zikaSodolophu, uSkinstad, nowayenguKhapteni weSpringbok, ukhwence ngelithi: "Ngoku nje ndithabathe umhlalaphantsi kumboxo, ndizibandakanye nokudlala omnye umdlalo endiwuthandayo nendiwuqqalasele njengeyona ndawo intle kwiKapa. Kwaye okona kungcono kukuba sizamele ukuqokelela imali evakalayo sisenzela injongo ebaluleke kakhulu. Ngoku ke oko kungqalile!"

USodolophu waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie, evuyela ukufumana itshekhi kowayesekuba nguKhapteni weSpringbok kunye noNozakuzaku woKhenketho, uBob Skinstad, yezimali ezifunyenwe kwi-2015 Annual Seartec-Overstrand Classic Golf Challenge ebibanjelwe eArabella Country Estate and Golf Club ngowama-20 Novemba kulo nyaka uphelileyo.

IHAWSTON IZA KULONDOLOZA IINTSOMI NAMABALI ASEOVERSTRAND AMANDULO

Ingqatsini yelanga ayiluthibazanga uvuyo lwabo bebezimase ukusindlekwa kweNyathelo leMbali ngoMlomo ngumPhathiswa waseNtshona Kapa wemiCimbi yeNkcubeko kunye nemiDlalo, uAnroux Marais, kwiZiko iThusong eHawston ngoLwesihlanu we-4 Disemba 2015.

Ingcinga ngeli nyathelo kukuhlanganisa amalungu ahlukeneyo esebe ngokuthi ashicilele amabali oluntu olwahlukeneyo oluthe saa yonke iNtshona Kapa. Lo msebenzi uza kunika ithuba amalungu oluntu lwengingqi, kuqukwa namagqala emidlalo, ithuba lokuba bangabelani nje ngamabali abo buqu phakathi kwabo kodwa bathabathe ezi nkumbulo zibaluleke kangaka nezithwele umongo wezi dolophu zibandakanyiweyo zizibophelele kumabali eziganeko zembali. Kwelinye icala, liya kunika ithuba abantu boMzantsi Afrika nehlabathi ngokubanzi, ukuba bafumane ukuqonda iinkcubeko ezininzi nezahlukeneyo ezenza i-Rainbow Nation.

Ngosuku lomsitho, umPhathiswa Marais kunye noSodolophu waseOverstrand, uNicolette Botha-Guthrie, baye bamkelwa liqela lomculo wenkcubeko elidlamkileyo nelitsala umxhelo elibhexeshwa yiSiyazama Dance Group equlathe uthotho lolutsha oluqabukileyo olunxibe isintu elivela kwisithili. Emva koko, loo ndimbane ithe yatendwa ngothotho lwemibongo, iintsomi kunye namabali esenziwa ziimbongo kunye namagqala engingqi. Umbongo kaWIliam Stukkie othi "'n Stukkie Brood" utsale umxhelo wakhe wonke ebelapho ngomyalezo obuhlungu wokwabelana kunye nokuhlangana. Nebali lotitshala wesiKolo samaBanga aPhantsi saseHawston, uJuffrou Gladys, lokusweleka komhlali omdala nothe

Abafotwe benikezela ngeepowusta eziqingqiweyo ezithi "What's your Story?/Wat's jou Storie?" kumsindleko weNyathelo leMbali ngoMlomo eHawston ngumPhathiswa waseNtshona Kapa wemiCimbi yeNkcubeko nemiDlalo uAnroux Marais, kunye noSodolophu, uNicolette Botha-Guthrie (phkathi), bengqongwe ngabazuzi (o.k.t. amagosa kamasipala, abasebenzi bethala leencwadi kunye namalungu oluntu waseHawston).

ngexesha lomlindo wakhe, wafunyanwa ehleli ethe nkqo endaweni yokuba abe kwimo eleleyo njengoko kulindeleke kwisidumbu.

Ngaphambi kokuba azise umPhathiswa kwabo bebezimasile, uSodolophu uBotha-Guthrie ugxininise ekubeni ingqinelana kangakanani into yokusindleka lo msitho eHawston, ngakumbi kuthe kwakho uthotho lwamawonga anikwe ithala leencwadi kutsha nje. Uthe iwonga lokuba "leLona Thala Leencwadi liGqwesileyo: iiNkonzo zoLutsha" elifunyenwe lithala leencwadi laseHawston kumsitho wokuWongwa kwezeNkcubeko wango-2014/2015 libalasele njengelona thuba lokuzingca. Utsho esithi "Siyakucamngca kakhulu ukubaluleka kokuphucula nokuphuhlisa amathala eencwadi ethu nanjengoko lenkonzo ingenakulinganiswa kunye nesitishi sokulathisa sidlala indima enentsingiselo enkulu ekuphuhliseni abantwana bethu, kunye nokuthundeza ingqiqo kuluntu lwethu ngokubanzi".

"Nanjengoko sele nivile ngaphambili, kukho ubutyebi bezinto eziqingqiweyo kunye nezikhumbuzo zembali ezigcinwe kwindlu endala kaAnti Doris. Siyathemba ukuba oosomashishini bengingqi bekunye neearhente zikarhulumente ezichaphazelekayo ziya kuncedisa ekuphumezeni iphupha lokuseka iMuziyamu yoLuntu engokuLoba yaseHawston khona ukuze kugcinwe obu butyebi bungenakuxatyiswa," utshilo uSodolophu.

Kwintetho yakhe ephambili, umPhathiswa Marais uthe wabongoza lonke uluntu olukwimida yase Ntshona Kapa ukuba lwabelane ngamabali alo kuma thala eencwadi athabatha inxaxheba ekufezekiseni le njongo. "Ngelixa sikhuthaza ukubumbana koluntu ngokwabelana ngamabali abo, singaqinisekisa ukuba imbali namava abantu agcinwa ephila eluntwini, naseburhulumenteni, khona ukuze isizukulwana esizayo sazi kwaye sibhiyozele ilifa lemveli labo," utshilo uMarais. "Ngaphandle koku, yeyiphi enye indawo engasinika amabali akhethekileyo kweziko afana neli silive apha ngaphambili lesiporo esihlala nkqo kumlindo waso," ukhwence njalo umPhathiswa.

Umsitho uqukunjelwe ngokuthi umPhathiswa ekunye noSodolophu banikezele ngeeposta eziqingqiweyo zaze zarhaswa ezithi, "Lithini ibali lakho" kubadlali-ndima abangundoqo kunye nabaququzeleli baseHawston badlala indima yabo kule projekthi ukubanika imbeko ngegalelo neenzame zabo.

I-BIGBLUE(S) IHLAZIYIWE

Umnyhadala waseKleinmond ngoku uhlala ukho kwiMenyu yeHolide zePasika

Emva kweseshoni yocwangciso ebibizwe ngabaququzeleli bomNyhadala i-Big Blues, isigqibo kwafikelelwa kuso sokuguqula ebekujoliswe kuko kulo mnyhadala ukusuka kwinkosathi ye-Blues ukuya kubhiyozela izinto ezingumtsalane, imveliso nemicimbi ekhethekileyo yedolophu. Kwangaxeshanye, kuvunyelwene ekubeni lo mnyadala uya kusindlekwa ngesithuba sexesha leeholide zePasika xa idolophu idla ngokutsala uthotho lwabatyeleli bengingqi nabamazwe ngamzwe.

Ngenxa yoko, lo mnyhadala kwixesha elizayo uya kwaziwa njenge-BigBlue - engekho u-"s" - kwaye uza kujolisa ekubaluleni zonke izinto ezingumtsalene kunye nemithombo ebiphawulwe kwisicwangciso sentengiso.

Ukucaphula umququzeleli uMnu Joe Lategan, "Sicwangcisa ukusindleka umnyhadala onemiboniso emincinane emininzi - omnye omele zonke iinkcubeko, iminyaka yobudala kunye nesini. Abatyeleli abasayi kukwazi nje kuphela ngobume bendalo esingqongileyo ekhethekileyo kunye nobunye ubutyebi obuvalelwe kuBukumkani beeNtyatyambo zaseKapa, baza kufumana ithuba lokuzitika kwizimuncumuncu zethu kwaye batsho bafumane ububele bethu buqu".

Ngolwazi oluthe vetshe ngomnyhadala i-BigBlue tsalela uMadelain Coetzee 028 271 5657.

IKONSATHI YE-VALENTINA

uZappa noMainolfi

Isibini esivunyiweyo uZappa-Mainolfi sizimisele ukuyolisa kwakhona abaphulaphuli babo baseOverstrand ngegqwesileyo ikonsathi ngeCawa ye-14 Februwari! Bedyusha okwetyeli lesithandathu kwiqonga lethu lengingqi, esi sibini siluncuthu saziwa ngomdyusho ocwangcisiweyo kunye nesiqulatho esinambithekayo senkqubo yekonsathi yabo.

Kweli ityeli, inkqubo iquka u-**Sonata for Cello and Piano Op. 119** (C-major) nguSergey Prokofiev; u-**Rondo** ka-Antonin Dvorak(ingoma yekonsathi); u-**Arpeggione Sonata in A min** ka-Franz Schubert kunye no-**Pezzo Capriccioso Op. 62** nguPeter Tchaikovsky.

O·A·K
overstrand arts • kunste

Ikonsathi iya kuqala nge-15:30 ngeCawa 14 Februwari kwiOdithoriyamu yoLuntu eHermanus. Amatikiti yi-R120 (R60 abafundi). Bhukisha eBELLINI GALLERY kwezi no-028 312 4988. Tsalela unobhalana uRené du Plooy kwa-082 940 4238 ngeenkcukacha ezongezekileyo.

NGOKU NJENGOKO SELE UFUNDE UKUTHI "HAYI" KWIZITRO SEPLASTIKI, KUTHENI UNGAPHINDI UCINGE NGOKUSEBENZISA KWAKHO IZISELO EZISEBHOTILENI?

IOverstrand ikhankasa kakhulu ukuba kubhangiswe iiplastiki zosetyenziso olunye nakweyiphi na imilo, kwaye kuhlelo lukaJanyuwari lwe-Bulletin, sininike iinkcukacha-manani ezoyikisayo ngokumalunga nokusetyenziswa kwezitro zeplastiki ezilula ukuze nizinike ingqalelo yenu. Kolu uhlelo, siza kubuza imfuneko yokusetyenziswa kweebhotile zeplatsiki, kwaye siqwalasele nzulu imbuqe edalwa zizo kunye neentsalela zazo.

NgokukaPlastic SA, eyona nto yesibini exhaphakileyo efunyanwa xa kucocwa amanxweme ziziciko zebhotile zeplastiki, kwaye eyesine kuluhlu, ziibhotile zeplastiki uqobo. Le nto iyoyikisa, ngakumbi xa kuthatyathwa oomasipala abanjengeOverstrand abazama ngazo zonke iindlela ukumisela imiqathango yosetyenziso-zinto ngokutsha ngabathengi khona ukuze kuthintelwe ungcoliseko lwendalo esingqongileyo kungekho phazamiseko kubahlali:

Konke odinga ukwenza kukufaka ibhotile yeplastiki, isiciko sayo nako konke, kwibhegi eyahlukileyo.

Siza kuyithabatha thina kwaye siqinisekise ukuba ilahlwa ngendlela efanelekileyo.

Kwelo nqaku kanye, khumbula ukuba kungathabatha iminyaka engama-500 khona ukuze ibhotile yeplastiki ibole ukuba ilahlwe etipini. Ukuba itshisiwe, le bhotile iya kuvelisa isixa esiphezu somsi onetyhefu nonobungozi kwimpilo yabantu.

Nazi ezinye iinkcukacha-mali ezididekisayo ekumele ziqwalaselwe:

- Izigidi ezingama-30 zeebhotile zeplastiki zosetyenziso olunye ziyalahlwa mihla le kwihlabathi lonke.
- Ama-27% eebhotile zeplastiki zosetyenziso olunye ebezisetyenziswe ngokutsha e-US ziphelele etipini kwakhona.
- Kwihlabathi jikelele, izigidi zemiphanda yeoyile zisetyenziselwa ukuhlangabezana nemfuneko yokwenziwa kwebhotile zeplatsiki zosetyenziso olunye.

Okulandelayo, sivumele ukuba sabelene nawe ngamanqaku "eebhotile zamanzi":

- Iibhiliyoni ezingama-50 zeebhotile zamanzi ziyathengiswa kwihlabathi lonke ngonyaka omnye.
- Ama-40% amanzi asebhotileni ngamanzi aphuma etepini.
- Ukuvelisa amanzi asebhotileni kudinga iindleko zamandla aphindaphindwe ka-2000 kunaxa kuveliswa amanzi etepu.
- Ngenxa yephulo kwihlabathi liphela lokucutha ukusetyenziswa kweziselo ezibandayo ezenziwe switi, ukusetyenziswa kweebhotile zamanzi ezisetyenziso-lunye kuye kwanda ngendlela emangalisayo ukuya kwi-10% ngonyaka.

Ngokucacileyo, ukuxhatshazwa kwemalike yeziselo ezisebhotileni ezisempilweni kusishiye - thina luntu luhlawula irhafu - sisemgciphekweni: ngenxa yokuba emva koko sithi ekumele ukuba sihlawulele ukucocwa kobo bumdaka - ngemali engeyichithwe kwezinye izinto.

Ngoku nazi iingcebiso:

- Sebenzisa inkonzo yaseOverstrand yosetyenziso ngokutsha - faka nje ibhotile yeplatsiki yakho, isiciko kunye nako konke kwibhegi engenambala yakho, yishiye ukuba iqokelelwe ngosuku olumiselweyo, thina siya kuyithabatha apho.
- Nangona amanzi aselwayo ingawona akhethwayo kuneziselo ezibandayo ezineswekile kunye neejusi eziswiti, ingaluncedo olukhulu kwindalo esingqongileyo, impilo yakho kunye nezimali zakho ukuthenga iibhotile zamanzi ezisetyenziswayo kwakhona zenkcenkce okanye zeglasi ukuze uphinde uzalise ngamanzi etepu okanye ahluziweyo.
- Kwakhona, khumbula ukuba iibhotile zamanzi zeplatsiki ezisetyenziswa kwakhona zithanda ukuqulatha i-bisphenol A (BPA), ikhemikhali yokuveliswa engavuzela ekutyeni nakwiziphungo idale umonakalo omkhulu. Ngenxa yoko, ukuphinda usebenzise iibhotile zamanzi zeplastiki, ngakumbi xa zithe zadibana nobushushu, akulunganga ukwenza oko.

Ngamafutshane, ngaphandle kwento yokuba iibhotile zeplastiki zisetyenziswa ngokutsha kungacutha isidingo zemathiriyeli erhwada kwaye kusonga amandla, qwalasela ukuba kungangcono kangakanani kwindalo esingqongileyo kunye nobomi bezilwanyana eziphila elwandle ukuba besinokuthintela iibhotile zeplastiki zosetyenziso olunye ukuba lungene kwisixokelelwano. Ukukhankasela ukungasetyenziswa kweplastiki yosetyenziso olunye, kusemdleni wethu sonke, abantu nezilwanyane, ezibiza iOverstrand ikhaya. Ukuba ungathanda ukunika ingcamango yakho malunga noku okanye ungathanda ukunika ingcebiso, zive ukhululekile ukuqhagamshelana noFiona Matthes ngokumthumelela iimeyili kufionamatthes@gmail.com.

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Ubhalisa njani ukuze ufumane inkonzo ye SMS ka Masipala? Thumela i-SMS enenombolo ye akhawunti kamasipala namagama athi

SMS kule nombolo **082 338 1631** okanye uqhagamshelane nesebe loncedo lwabantu kwiofisi yokurhafa ekufutshane kuwe.